

ZIFUMANEKA PHI IIOFISI ZASE EASTERN
CAPE LIQUOR BOARD

EAST LONDON 69 Devereux Avenue, Vincent, East London, 5241 Tel: 043 7000 900 Fax: 043 726 4101	PORT ELIZABETH 1st Floor North Towers, North End, Port Elizabeth, 6001 Tel: 041 484 2136 Fax: 041 484 2153
ALIWAL NORTH 10 Smith Street, Aliwal North 9750 Tel: 051 633 2901 Fax: 051 633 3117	QUEENSTOWN 38 Grey Street, Queenstown 5319 Tel: 045 838 5557 Fax: 045 839 3709
CRADOCK Cnr Victoria & Frere Streets , Cradock 5880 Tel: 048 881 3756 Fax: 048 881 4927	MTHATHA ECDC House, 7 Sisson Street, Fort Gale, Mthatha 5100 Tel: 047 531 0242 Fax: 047 531 0226



Eastern Cape Liquor Board

Izikhaziso umnxeba wasimahla: 0800 000
420
www.eclb.co.za

Fraud Prevention
email: eclbfraud@msca.co.za

**RESPONSIBLE
TRADING
PROGRAMME**



**Enabling and Promoting a
Responsible Liquor Industry**

Umzi wase Eastern Cape Liquor Board ugunyaziswe ngokusemthethweni ukuba ulawule ushishino ngotywala kwiMpuma Koloni. Ukuze isithunzi soshishino sime kwimeko encomekayo, iEastern Cape Liquor Board isebenzisana nabenzi botywala, nemibutho yabathengisi botywala ukuze kuqulunqwe imigaqo nendlela emakusetyenzwe ngayo kolushishino.

Bonke abashishina ngotywala mabaqhube ngolu hlobo lulandelayo:

THENGISA NGOKUNENKATHALO

- Ishishini lakho malibhaliswe kwa SARS.
- Abathengi mabalunyikiswe ngotywala obufakwe ithyhefu.
- Abathengi mabatye phakathi kwamathamotywala.
- Hlala uqaphele indlela abasela ngayo abathengi.
- Musa ukuthengisela umntu osesele kakhulu.
- Soloko ubafundisa abathengi ngengozi yokusela gwenxa.
- Ukuba unakho yibalilungu lombutho wabashishina ngotywala.

ABAFAZI NOTYWALA

- Bafundise abasetyhini ngengozi zokusela utywala ukhulelwe.
- Balumkise abasetyhini ngengozi zokugalelelwa ityhefu etywaleni.

UKUSELA KWABANGAPHANTSI KWEMINYAKA EVUMELEKILEYO

- Musa ukubathengisela abaneminyaka engaphantsi kwe 18.
- Ungavumeli abantu abadala bathengele abantwana utywala.
- Baxele abantwana besikolo abathenga utywala kwisikolo abafunda kuso.
- Funa isiqinisekiso sokuzazisa xa ukrokrela ukuba umthengi ungaphantsi kwe 18

UKUPHAZAMISANA NOMPHEKATHI

- Abathengi mabangaseleli ngaphandle kwishishini lakho.
- Ingxolo yomculo mayingaphazamisani nabamelwane.
- Makusetyenziswe amagumbi angasese xa umntu efuna ukuchama.
- Abathengi mabangaphazamisani nabamelwane, nabasebenzisi bendlela, (lonto idibanisa nendawo yokumisa iimoto zabo phambi kwezindlu zabamelwane).
- Soloko usakha ubuhlobo nabamelwane bakho.
- Soloko ucoca inkundla yeshishini lakho, ubuthe okumdaka okushiye ngabathengi bakho ebumelwaneni.

UKUSELA UPHINDE UQHUBE

- Bafundise abathengi ngengozi yokusela uphinde uqhube isithuthi.
- Ungabakhuthazi abathengi abashushu ekuqhubeni, apho unakho yenza iinzame zokubagodusa.

UKUNGAZIPHATHI KWABATHENGI

- Nqanda ukusetyenziswa nokuthengiswa kwezinyobisi ezingekho mthethweni kwishishini lakho.
- Ungawukhuthazi umlo, kwaye bagxotho abo balwayo kwishishini lakho.
- Musa ukuvumela abathengi bahlukunyezwe ngokwesondo.
- Musa ukubavumela abathengi abaphethe izixhobo zokulwa kwishishini lakho.

IMVISISWANO/UBUHLOBO

- Yakha ubuhlobo namapolisa, neekomiti zasekuhlaleni, izindlu zobukhosi, izikolo neecawa kwingingqi yakho.
- Qiniseka ukuba ulwazi ngokusetyenziswa

UKUTHOBELA IMIQATHANGO YELAYISENISI

- Ishishini malihlale kwimigaqo yomthetho okhusela abathengi.
- Ilayisenisi yakho mayisoloko ixhonyiwe ukwenzela ibonakale kuwo wonke umntu ongena kwishishini lakho.
- Hlala unaye ngalo lonke ixesha umphathi weshishini obhaliswe ngokusemthethweni.
- Umphathi weshishini makabenesivumelwano esikhutshwe yi Eastern Cape Liquor Board kwaye naso masihlale sixhonyiwe.
- Soloko uzithobela iiyure zokushishina ezibekwe kwilayisenisi yakho.
- Qinisekisa ukuba abathengi baselela kwindawo elungiselelwe ukusela.
- Qinisekisa ukuba akukho bathengi emva kwemizuzu eyi 30 emva kwexesha lokuvala.
- Abantu abaselela ezimotweni baxele emapoliseni nakumagosa ezendlela.
- Soloko uhlaziya ilayisenisi ngexesha.

EZEMPILO NOKHUSELO KWINDOWO ESIHLALA KUYO

- Inkunkuma mayisoloko igcinwe kwimigqomo yenkunkuma.
- Khuthaza abathengi bangalahli ubumdaka kwindawo yokusela.
- Qiniseka ukuba amagumbi angasese asoloko ecocekile.
- Qiniseka ukuba abathengi bakho bakhuselekile.
- Ishishini lakho malisoloko licocekile.
- Izitya zokuselela mазisoloko zicocekile.
- Isakhiwo seshishini lakho masivumelane nemigaqo yezakhiwo zikamasipala.

Trade Responsibly